

It starts with a story...

## Your own story collection!



Are you and your children regular Nalibali supplement users? If so, then you'll know that all our supplements have one complete story for you to cut out and keep. Most of them also have one part of a two-part story in the Story Corner so that you have another complete story every second week!

So, if you get your favourite reading-for-enjoyment supplement each week, in one year you can collect about 45 stories to read and enjoy with your children! Here are some ideas for making good use of these story resources.

- **At home.** Encourage your children to make their own little libraries at home by collecting the cut-out-and-keep books, zigzag books and Story Corner stories.
- **Make resources.** Use the longer Story Corner stories (on page 8) to create story cards by pasting them onto pieces of cardboard and covering them with plastic.
- **Store stories.** Find something to store your supplement books and story cards in – like a decorated shoebox – and then keep them in a special place, so that children know where to find them when they want to read them.
- **Tell stories.** Become familiar with the Story Corner stories and then use these stories for storytelling.
- **Read and do.** At your reading club, choose one of the cut-out-and-keep books to read aloud to all the children. Let them follow in their own copies as you read to them. Then try some of the "Get story active" activity ideas – they extend and deepen the children's understanding of the story.
- **Read alone and in pairs.** At your reading club, let the children choose which cut-out-and-keep book or story card they would like to read with a volunteer or partner. Invite older children to also read on their own or to younger children.
- **Spread the message.** If you run a reading club, share information about the importance of reading to children with the children's parents and other caregivers by sending home the article on page one of the supplement for them to read.

Missed out on a copy of your Nalibali supplement or looking for back copies? Visit the "Supplements" section on the Nalibali website at [www.nalibali.org/supplements](http://www.nalibali.org/supplements) to download copies of your favourite reading-for-enjoyment supplement!



## Eyakho ingqokelela yamabali!

Ingaba wena kunye nabantwana bakho nilusebenzisa rhoqo uhlelo lweNalibali? Ukuba kunjalo ke, ngokuqinisekileyo uyazi ukuba iintlo zethu zonke zinebali elinye elipheleleyo onokulisika uze uligcine. Uninzi lwazo ziqulethe inxalenye yamabali aziqendu zibini aba kwiNdawo yamaBali, nto leyo ethetha ukuba ibali lakho liyaphelela rhoqo emva kweeveki ezimbini!

Ngoko ke, ukuba uyalufumana uhlelo lwakho oluthandayo lokufundela ukuzonwabisa rhoqo ngeveki, ngonyaka omnye ungaqokelela malunga nama-45 amabali onokuwafunda ze uwonwabele kunye nabantwana bakho! Nazi ezinye iingcebiso zokusebenzisa lo vimba wamabali kakuhle.


- **Ekhaya.** Khuthaza abantwana bakho bazenzele awabo amathala eencwadi amancinane ngokuqokelela iincwadana abanokuzisika-ze-bazigcine, iincwadana ezimajikojiko kunye namabali akwiNdawo yamaBali.
- **Ukwenza izixhobo zokufunda eziluncedo.** Sebenzisa amabali amade afumaneka kwiNdawo yamaBali (kwiphepha lesi-8) ukwenza amacwecwe amabali, ngokuncamathelisa amabali lawo ezikhadibhodini eziqingqiweyo, uze uwakhavarishe ngeplastiki.
- **Gcina amabali.** Khangela into onokugcina kuyo iincwadana zakho zohlelo kunye namacwecwe amabali – mhlawumbi into efana nebhokisi yezihlangu ehonjisiweyo – ze uwabeke kwindawo ekhethekileyo ukuze abantwana bakwazi ukuwafumana nanini na xa befuna ukuwafunda.
- **Balisa amabali.** Ziqhelanise namabali afumaneka kwiNdawo yamaBali, ze usebenzise la mabali ekubaliseni kwakho amabali.
- **Funda uze wenze.** Kwiklabhu yokufunda yakho, khetha incwadi ibe nye kwiincwadana onokuzisika-ze-uzigcine, uyifundele bonke abantwana ngokuvakalayo. Bavumele ukuba bakulandele, befunda kwezabo iincwadi njengokuba ufunda nje. Emva koko zama ezinye iingcebiso ezikwicandelo lemisebenzi elithi, "Yenza ibali linike umdla" – le misebenzi yandisa kwaye yenza nzulu ukuqonda ibali kwabantwana.
- **Zifundeleni ngabanye nize niphinde nifunde ngababini.** Kwiklabhu yakho yokufunda, vumela abantwana bakhethe ukuba yeyiphi incwadana onokuyisika-ze-uyigcine okanye icwecwe leballi abangathanda ukulifunda kunye nevolontiya okanye ugxa wabo. Kananjalo mema abantwana abadallana ukuze bazifundele okanye bafundele abantwana abancinane kunabo.
- **Sasaza umyalezo.** Ukuba uqhumba iklabhu yokufunda, yabelana ngolwazi nabazali babantwana kunye nezinye iimpelesi malunga nokubaluleka kokufundela abantwana, ngokuthumela ekhaya inqaku elikwiphepha loku-1 lohlelo ukuze balifunde.

Ingaba uphose ikopi yohlelo lwakho lweNalibali okanye ukhangela iikopi ezidlulileyo? Ndwendwela icandelo leentlo elithi, "Supplements" kwiwebhusayithi yeNalibali ku-[www.nalibali.org/supplements](http://www.nalibali.org/supplements) uzikopele ezakho iikopi zeentlo ozithandayo zokufundela ukuzonwabisa!



Drive your imagination

Read to me. Book by book.  
Ndifundele. Incwadi nencwadi.



It starts with a story...



## Your story

Here is a praise poem about the sea that was originally written in isiXhosa. Enjoy reading it!

### The ocean

Beautiful and attractive,  
You are as wide as the world.  
You are water and we drink from you.  
Ocean, in you  
There are animals and fish.

Without you, Ocean,  
What would we drink?  
You are water and life to us.  
However, you are also dangerous  
Without showing it,  
You are dark and deep.

We bathe, we cook because  
You are water, you are life.  
Ocean, you are beautiful and attractive  
But, you are very dangerous  
To small children.  
Children, let us be careful.

The ocean is beautiful and attractive  
The ocean is dangerous  
One must be careful  
Children, let us be careful.

*Rethabile Maeena, 11 years, Ihobe Intermediate School, Bloemfontein*  
This poem was written in isiXhosa and then translated into English.



**"Exercise the writing muscle every day, even if it is only a letter, notes, a title list, a character sketch, a journal entry. Writers are like dancers, like athletes – without that exercise, the muscles seize up."**  
*Janet Yolen, author*

## Ibali lakho

Nanku umbongo omalunga nolwandle owawubhalwe ngesiXhosa kuqala. Konwabele ukuwufunda!

### Ulwandle

Lwandle umhle uyabukeka.  
Umkhulu okwehlabathi.  
Lwandle ungamanzi, siyasela.  
Lwandle ngaphakathi kuwe,  
Kukho izilwanyana neentlanzi.

Ngaphandle kwakho lwandle,  
Singasela ntoni na?  
Ungamanzi, ububomi kuthi.  
Lwandle unobungozi kodwa  
Awubonakalisi, ufihlakele.  
Uyinzonzobila, unobunzulu.  
Siyahlamba, siyapheka kuba  
Wena ungamanzi, ububomi.  
Lwandle umhle, uyabukeka  
Kodwa unobungozi  
Kakhulu kwiimveku.  
Masilumkeni bantwana

Ulwandle luhle, luyabukeka.  
Ulwandle lunobungozi,  
Lufuna umntu oqaphelayo.  
Masiqhapheleni bantwana.

*ubhalwe nguRethabile Maeena, one-11 leminyaka, weSikolo samaBanga aPhakathi iHobe, eBloemfontein*




**"Yonke imihla, shukumisa izihlunu zakho zokubhala, nokuba nje yileta, amanqaku, luluhlu lwezihloko zeencwadi, ngumzobo womlinganiswa, linqaku lejenali. Ababhali bafana nqwa nabajuxuzi neembaleki – ngaphandle kokushukumisa umzimba, izihlunu ziba nemikhinkqi."**  
*NguJanet Yolen, umbhali*

**Do you enjoy writing and drawing? Are you an adult who writes for children? Or, are you a child who enjoys writing poems or stories, or drawing pictures and then writing about them? We'd love to see what you've been doing! If you send us your writing and pictures, you stand a chance of having them published in the Nal'ibali supplement, or on the Nal'ibali website. Remember: it has to be all your own work!**

Send your writing and pictures to: [info@nalibali.co.za](mailto:info@nalibali.co.za) or PRAESA, Suite 17–201, Building 17, Waverley Business Park, Wyecroft Road, Mowbray, 7700.

**Ingaba uyakuthanda ukubhala nokuzoba? Ingaba ungumntu omdala obhalela abantwana? Okanye, ingaba ungumntwana othanda ukubhala imibongo okanye amabali, okanye ozoba imifanekiso ze abhale malunga nayo? Singathanda ukukubona oko ubukwenza! Ukuba usithumelela oko ukubhalileyo kunye nemifanekiso, usethubeni lokubona oko kupapashwe kuhlelo lweNal'ibali okanye kwiwebhusayithi yeNal'ibali. Khumbula: kufuneka konke oku ibe ngumsebenzi wakho ncakasana!**

Thumela okubhalileyo nemifanekiso yakho kule dilesi: [info@nalibali.co.za](mailto:info@nalibali.co.za) okanye ku-PRAESA, Suite 17–201, Building 17, Waverley Business Park, Wyecroft Road, Mowbray, 7700.



## Nal'ibali on radio!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show:

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.40 a.m.

SAfm on Monday, Wednesday and Friday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



## UNal'ibali kunomathotholo!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali:

Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.40.

SAfm ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.

### Create your own cut-out-and-keep book

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

### Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine

1. Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
2. Wasonge phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge phakathi.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



Ngoku ke uVusi wawugonda lo mdlalo. Wafuna ukudlala naye. U'Vusi wakroba ebhokisini. Watsala ilaphu elizuba elinamabala abomvu naluhlaza. "Tonga! Nantsi inyoka ebhokisini," watsho. "Si-i-i-i-i-i! Si-i-i-i-i!"

"Look! There is a snake in the box," he said. "Hiss! Hiss!"

Now Vusi understood. He wanted to play too. Vusi looked inside the box. He pulled out a red, blue and green cloth.



"Ndiyakwazi ukudinanisa umdaniso wentaka. Khawundijonge nje ndiqhwazalisa uphiko lwam. Ndihabhe, ndihabhe, ndenjengeya ukuya esibhakabhakeni esizuba phezu, ndize ndithi vovolo emithini, ndicule iculo lam!"

"I can do the bird dance. Watch me flap my wing. I fly and fly in the bright blue sky then sit in the trees and sing!"



CAMBRIDGE

# The jungle box

## Ibhokisi yobomi basehlathini

The *jungle box* is from the Rainbow Reading series by Cambridge University Press. Rainbow Reading is a graded series for primary schools. It provides a wealth of original stories and factual texts, which will help learners to develop the reading skills and vocabulary they need to meet the requirements of the curriculum – in all learning areas. Rainbow Reading consists of 350 titles which are grouped by level and theme. For further information, visit [www.cup.co.za](http://www.cup.co.za)



Cambridge University Press  
 P O Box 50017, V&A Waterfront, 8002  
 Tel 021-4127800 | Fax 021 4198418  
 Email [info@cup.co.za](mailto:info@cup.co.za)

 **CAMBRIDGE**  
 UNIVERSITY PRESS  
[www.cup.co.za](http://www.cup.co.za)

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



INal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Nicole Levin  
 Marjorie van Heerden



UBusi watsala ilaphu elinemibala emininzi eyahlukileyo. Wazithandela ngelo laphu. Wadanisa ejikeleza igumbi elo, ecula.

Busi pulled out a cloth of many different colours. She put the cloth around her. She danced around the room and sang.



Busi pushed a big cardboard box into the kitchen.

“What’s in there?” asked her brother, Vusi.

“Wild animals,” replied Busi. “Can’t you hear them?”

UBusi watyhalela ikhadibhodi enkulu ngasekhitshini.

“Kukho ntoni apho?” wabuza umntakwabo, uVusi.

“Izilwanyana zasendle,” waphendula uBusi. “Uthetha ukuba awuziva?”

“Ndiyakwazi ukwenza umdaniso wenyoka. Khawujonge nje ndiyarhubulaza, ndityibhike, tyi-tyityi. Ndifuthe, ndiphinyeza kwingc’ efukufuku, ndisehla ngendlela. Shwaka, emva koko, ndizimele phantsi kwelitye.”

“I can do the snake dance. Watch me slither and slide. I hiss and hiss along the path then under a rock I’ll hide.”



Soon there were no more animals left in the box.

“That was fun,” said Busi. “And you see, there weren’t just Aunty’s cloths in the box.”

“No,” said Vusi, “there was a whole jungle!”

Kungekudala, kwakungasekho zilwanyana ziseleyo ebhokisini.

“Bekumnandi oku,” watsho uBusi. “Uyabona ke, ibingengomalaphu kaMakazi kuphela ebesebhokisini.”

“Hayi ndiyabona,” watsho uVusi, “bekukho ihlathi lonke kulaa bhokisi!”

“Look a bit harder,” said Busi. “Can’t you see the bird flapping to get out?”

“Khawujongisise kakuhle,” kutsho uBusi. “Akuyiboni intaka iqhwaghwazelisa impiko zayo kuba izama ukuphuma?”



Fold

Busi laughed at her brother. Vusi looked funny as a snake.

Then it was Busi’s turn. She pulled out a piece of brown cloth.

“Look! There’s a monkey in the box,” she said.

UBusi wamhleka umtakwabo. UVusi wayekhangeleka ehlekisa mpela xa ezenze inyoka. Emva kokoke yaba lithuba likabusu. Wakhupha isiqwenga selaphu elimdaka.

“Jonga! Kukho inkawu ebhokisini,” watsho.



Vusi danced the elephant dance.

UVusi wadanisa umdaniso wendlovu.



Then Busi danced the butterfly dance and Vusi danced the spider dance.

Emva koko uBusi wadanisa umdaniso webhabhathane waze uVusi yena wenza umdaniso wesigcawu.



Vusi put his ear against the side of the box.

“I can’t hear anything,” he said.

“Step back, I will show you,” said his sister.

UVusi wabeka indlebe yakhe kwelinye icala lebhokisi, ezama ukumamela.

“Andiva nto mna apha,” utshilo.

“Buya umva, ndiza kukubonisa,” utshilo udade wabo.

Fold

Vusi looked at the pile of coloured cloths in the box.  
 “That is just cloth for Aunty’s sewing. Where are the animals?” asked Vusi.  
 UVusi wabona imfumba yamalaphu amibala-bala asebhokisini.  
 “Ngamalaphu nje kaMakazi okuthunga la. Ziphi ezo zilwanyana?” kubuza uVusi.



Vusi jumped onto a chair. He didn’t want the animals to bite him.

Busi opened the box. There were no animal sounds. She pulled out a big piece of cloth.

UVusi watsibela phezu kwesitulo. Wayengafuni ukuba izilwanyana zimqwenge.

UBusi wavula ibhokisi. Yayingekho ingxolo yezilwanyana. Wakhupha nje ilaphu elikhulu.

“I can do the monkey dance. I’m happy and I’m free when I’m jumping and swinging in a big jungle tree!”  
 “Ndiyakwazi ukwenza umdaniso wenkawu. Ndonwabile kwaye ndikhululekile xa nditsiba, ndiywula emthini omkhulu wehlathi!”



Busi and Vusi found many different animals inside the box. They did many different dances. Busi danced the tiger dance.

UBusi noVusi bafumana izilwanyana ezininzi kakhulu ebhokisini. Badanisa iintlobo ezininzi ezohlukileyo zemidaniso. UBusi wadinisa umdaniso wengwe.



## Get story active!

Here are some activities based on the story, *The jungle box*, for you and your children to try.

### As you read the story together

- Look at the picture on the front cover and read the title to your children. Ask them what they think a jungle box might be.
- Make comments and ask open-ended questions that help your children to explore the story. For example, after reading:
  - page 2, you could say, "I wonder what made Busi think that there were wild animals in the box."
  - pages 4 and 5, you could ask, "Do you think Busi really believes that there are animals in the box?"
- Draw your children's attention to the details in the illustrations. For example, talk together about how Busi looks like a bird on page 8 and how Vusi looks like a snake on page 10.



## Yenza ibali linike umdla!

Nantsi eminye imisetyenzana esekelwe kwibali elithi, *Ibhokisi yobomi basehlathini*, onokuyizama nabantwana bakho.

### Njengokuba nifunda ibali nonke

- Jonga kumfanekiso okwiqweqwe elingaphambili lencwadi uze ufundele abantwana isihloko sayo. Babuze ukuba bacinga ukuba iyintoni na ibhokisi yobomi basehlathini.
- Yenza amagqabantshintshi ze ubuze imibuzo eneempendulo ezininzi, neza kunceda abantwana bakho ukuba baphicothe ibali. Umzekelo, emva kokufunda:
  - iphepha lesi-2, ungathi, "Ingaba bethu kutheni uBusi ecinga ukuba kukho izilwanyana zasendle ebhokisini?"
  - iphepha lesi-4 nelesi-5, ungabuza wenjenje, "Nicinga ukuba uBusi wayekhohlelwa ngokwenene ukuba kukho izilwanyana apho ebhokisini?"
- Khombisa abantwana bakho iinkcukacha eziqulethwe ngumfanekiso. Umzekelo, thethani ngendlela uBusi akhangeleka ngathi yintaka ngayo kwiphepha lesi-8, kwanendlela uVusi akhangeleka njengenyoka ngayo kwiphepha le-10.

## The Nal'ibali bookshelf

Have you tried reading *Yawning is catching* to your children? It is a light-hearted story about what happens around you even when you are too busy to notice! It's available in all South African languages.

**Title:** *Yawning is catching*

**Authors:** Beverley Burkett, Denise Manning, Lungi Radasi, Lyn Stonestreet

**Illustrator:** Lyn Stonestreet

**Publisher:** Cambridge University Press  
(www.cup.co.za)



## Ishelufa yeencwadi kaNal'ibali

Ingaba ukhe wazama ukufundela abantwana bakho ibali elisihloko sithi, *Ukuzamla kuyasulela*? Libalana elimnandi nelihlekisayo elimalunga noko kwenzeka kufuphi nawe naxa wena ungenakukuqaphela! Eli bali lifumaneka ngazo zonke iilwimi zaseMzantsi Afrika.

**Isihloko:** *Ukuzamla kuyasulela*

**Ababhali:** NguBeverley Burkett, uDenise Manning, uLungi Radasi, noLyn Stonestreet

**Umzobi:** Ngulyn Stonestreet

**Abapapashi:** Ngabakwa Cambridge University Press  
(www.cup.co.za)

## Collect the Nal'ibali characters

Cut out and keep all your favourite Nal'ibali characters and then use them to create your own pictures, posters, stories or anything else you can think of!

### About Mbali

**Age:** 2

**Brother:** Neo

**Lives with:** her mother, father, Gogo and Neo

**Favourite colour:** pink

**Favourite sport:** karate

**Books she likes:** nursery rhymes, but she also likes pretending to read her brother's books

**Things she likes to do:** dressing up; reading to her teddy bear and to Bella's dog, Noodle

## Qokelela abalinganiswa beNal'ibali

Sika uze ugcine bonke abalinganiswa obathandayo beNal'ibali, uze ubasebenzisele ukwenza eyakho imifanekiso, iipowusta, amabali okanye nantoni na onokucinga ngayo!

### Okumalunga noMbali

**Ubudala:** iminyaka emi-2

**Umntakwabo:** nguNeo

**Uhlala nabani:** nomama wakhe, notata wakhe, uGogo kunye noNeo

**Owona mbala awuthandayo:** upinki

**Owona mdlalo awuthandayo:** yikarati

**Iincwadi azithandayo:** iingonyana nezicengcelezo zabantwana, kodwa uyakuthanda nokwenza ngathi ufunda iincwadi zomntakwabo

**Izinto athanda ukuzenza:** ukunxiba kakuhle; ukufundela ubherana wakhe kunye nenja kaBella enguNoodle



### Here's an idea...

- Cut out and colour in the picture of Mbali and then paste it on a sheet of paper. Next draw a thought bubble above Mbali's head. Then draw a picture inside the thought bubble to show what she is reading about.
- Or, keep the picture in a safe place and when you have collected all the Nal'ibali characters, use them to create your own Nal'ibali poster!

### Nantsi ingcingane...

- Sika uze ufake umbala emfanekisweni kaMbali, ze emva koko uwuncamathelise kuxwebhu lwephepha. Emva koko ke ungazoba iqampu leengcinga phezu kwentloko kaMbali. Uyakuthi ke uzobe umfanekiso phakathi kwiqampu elo, ubonisa ukuba ufunda ntoni uMbali.
- Okanye, wugcine lo mfanekiso endaweni ekhuselekileyo, uze xa sele ubaqokelele bonke abalinganiswa beNal'ibali, ubasebenzisele ukuzenza eyakho ipowusta!

## Story corner

Here is the first part of a story for you to read aloud or tell. It is about a man who knew a lot about growing things, but had a few other lessons he needed to learn!

### Mr Shabalala's garden

(Part 1)

by Wendy Hartmann

Mr Shabalala lived on a big piece of land. He had a lovely house, an apple tree, hens and a vegetable patch.

The apple tree was very big. The branches stretched far into his garden and over the wall into the field behind the wall. Sometimes there were so many apples that he didn't know what to do with them all.

His hens gave him large, brown eggs. He could not eat all the eggs that his hens laid, so some eggs hatched and he had more chickens than anyone else in the town.

The vegetable patch was always full of wonderful things to eat, but sometimes there were too many pumpkins, medlies, potatoes and other vegetables.

But Mr Shabalala was not a very nice man. He did not like to share. If anyone came near his house and garden, he became very angry. So Mr Shabalala did not have any friends.

Some things made him so angry that he would shout. When people sat in the shade of the apple tree in the field behind his wall, they made too much noise. When the apples fell off the tree behind his wall, the children would pick them up. They played, ate apples and made too much noise. Sometimes his hens escaped through a little hole in the fence. When they did, they laid their eggs in the field behind his wall. He heard the women talking when they found the eggs and knew they were taking *his* eggs home. But worst of all, sometimes a little boy would knock on his door and ask for seeds from *his* vegetable patch.

One day Mr Shabalala was so angry that he decided he was going to stop everyone from bothering him. He grabbed his saw and cut down every branch of the apple tree that hung over the wall. He blocked up the hole in the fence so that the hens could not escape. And he was so angry that he dug up his vegetable patch.

"At last I will have peace and quiet without anyone bothering me or stealing anything," he said.

**What do you think will happen to Mr Shabalala's garden? Do you think he will enjoy the peace and quiet? Find out next week!**



Illustration by Jiggs Snaddon-Wood  
Umfanekiso nguJiggs Snaddon-Wood

## Indawo yamabali

Nantsi inxalenye yokuqala yebali onokulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise. Limalunga nendoda eyayisazi lukhulu ngokulima, kodwa kwakukho ezinye izifundo ezimbalwa ekwakufuneka isazifundile!

### Isitiya sikaMnumzana Shabalala

(Inxalenye 1)

ibhalwe nguWendy Hartmann

UMnumzana Shabalala wayenomhlaba omkhulu. Wayehlala endlwini entle, enomthi wama-apile, efuye neenkukhu kwaye enaso nesitiya semifuno.

Umthi wama-apile wawumkhulu kakhulu. Amasebe awo ayemade kakhulu kangangokuba ayenabele phakathi esitiyeni, aze aphinde aqabele nangaphezulu kocingo, ade afikelele nasesitiyeni asingasemva kocingo olo. Ngamanye amaxesha ama-apile ayebamaninzi kakhulu kangangokuba wayede angayazi into amakayenze ngawo.

Inkukhu zakhe zazibeka amaqanda amakhulu amdaka. Wayengakwazi ukuwatya onke loo maqanda azalelwe ziinkukhu zakhe, ngoko ke zaziwaqandusela amanye amaqanda, waza waneenkukhu ezininzi ukodlula wonke umntu kuloo ngingqi.

Isitiya sakhe semifuno sasisoloko siyokozela zizinto ezimnandi zokutya, kodwa ngamanye amaxesha ayede adlulise ngobuninzi amathanga, umbona, iitapile nezinye iintlobo zemifuno.

Kodwa ke uMnumzana Shabalala lo wayeyindoda engenabubele kangako. Wayengakuthandi nokucelwa izinto zakhe ngabantu. Wayengakuthandi tu ukwabelana ngezinto nabanye abantu. Xa kukho ubani othe wasondela endlwini yakhe nasesitiyeni sakhe, wayesiba nomsindo kakhulu. Yiyo ke loo nto eyabangela ukuba uMnumzana Shabalala angabi naye nomnye umhlobo.

Ezinye izinto zazimenza umsindo kakakhulu kangangokuba wayeye ade athukisele. Abantu xa behleli emthunzini womthi wama-apile, ngaphaya kocingo lwakhe, babemenzela ingxolo eninzi. Xa ama-apile ewile emthini ngaphaya kocingo lwakhe, abantwana abancinane babewachola. Babedlala, besitya loo ma-apile ze benze ingxolo enkulu. Ngamanye amaxesha iinkukhu zakhe zazithubeleza ezikrobeni elucingweni. Xa ziithubelezile, zazizalela amaqanda azo kwezo gadi zikufutshane. Wayebeva abafazi bethetha xa befumene amaqanda, kwaye wayesazi ukuba bagoduka nawo amaqanda akhe. Kodwa, eyona nto imbi nangaphezulu, ngamanye amaxesha kwakubakho inkwenkwana enkqonkqoza kwakhe, ize kucela izithole ezisesitiyeni sakhe.

Ngenye imini uMnumzana Shabalala wayenomsindo kakhulu, kangangokuba wagqiba kwelokuba uza kuyiphelisa nya into yokuhlutshwa ngaba bantu. Wathi hlasi isarha yakhe, waza wawasusa onke amasebe omthi wama-apile awayejinga ngaphaya kocingo lwakhe. Wazivala zonke izikroba ezazisicingweni ukuze kungabikho nanye inkukhu ezakuthubeleza. Wayenomsindo kakhulu kangangokuba wayigrumba yonke loo mifuno yayikweso sitya sakhe.

"Ekugqibeleni ndiza kuhlala ngoxolo nenzolo, kungekho mntu uza kundihlupha okanye andibele nto," utshilo.

**Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni kwisitiya sikaMnumzana Shabalala? Ucinga ukuba uza kulonwabela uxolo nenzolo alufunayo? Fumanisa okwenzekayo kwiveki ezayo!**

## In your next Nal'ibali supplement:

- Help develop children's literacy
- Get your copy of the Nal'ibali Children's Literacy Charter
- Days to celebrate in May
- A cut-out-and-keep book, *Raj keeps a secret*
- The final part of the Story Corner story, *Mr Shabalala's garden*

Don't have time to go to the library or running out of stories to share with your little ones? Visit [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) to access stories on your phone – anywhere, anytime (standard data rates apply).



Find us on Facebook: [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)  
Sifumane ku-Facebook: [www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)

## Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Nceda ekuphuhliseni ilitheresi ebantwaneni
- Fumana eyakho ikopi yoMqulu weLitheresi yaBantwana wakwaNal'ibali
- Iintsuku zokubhiyozelwa kwekaCanzibe
- Incwadana onokuyisika-ze-uyigcine, *URaj ugcine ihlebo*
- Inxalenye yokugqibela yebali leNdawo yamaBali elisihloko sithi, *Isitiya sikaMnumzana Shabalala*

Ingaba akunalo ixesha lokuya kwithala leencwadi okanye uphelelwe ngamabali onokwabelana ngawo nabantwana bakho? Ndwendwela ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) ukuze ufumane amabali kumnxeba wakho – naphi na, nanini na (kuhlawulwa amaxabiso edatha esiqhelo).

